URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Devigi Pillay
ICandelo lamaLungelo aVela kwiNkonzo
Devigi.Pillay@westerncape.gov.za | 021 467 2477

Inombolo yefayili.: 3/3/2/4/3
Isalathiso: 20220901-6165

Isetyhula: 0034/2022
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela-Balawuli, kwiiNtloko zamaziko emfundo neMibutho yaBasebenzi eYaziwayo

Isishwankathelo esifutshane: *Amalungiselelo ekhefu lootitshala abasezikolweni amalunga nezehlo zosuleleko yingqakaqha (monkeypox)*

Isihloko: Amalungiselelo ekhefu lootitshala abasezikolweni amalunga nezehlo zosuleleko *yingqakaqha* (monkeypox)

1. Umbutho i-*World Health Organisation (WHO)* uchaze intsholongwane yengqakaqha (*monkeypox)* njengentsholongwane eyi-*orthopoxvirus* ebangela isifo esineempawu ezifanayo, kodwa esingenabuzaza, neze sifo sohlobo lwe-*smallpox*. Kukho imida ekuphelela kuyo ukosulelana kwabantu ngesifo *(human-to-human transmission*), yaye elona khonkco lide losulelwano lichaziweyo (*longest documented chain of transmission*) lifikelela kumathuba amathandathu, into ethetha ukuba umntu wokugqibela ukosulelwa kweli khonkco losuleleko uba ngowesithandathu (*six links away*) kwikhonkco losuleleko ukusuka kumntu wokuqala ogulayo. Ngokwe-*WHO*, le ntsholongwane inokosulela ngokudibana neencindi zomzimba, izilonda esikhumbeni okanye kwimiphezulu yeenwebu zamalungu zangaphakathi *(internal mucosal surfaces*), njengomlomo okanye umqala, amathontsana xa uphefumla, kunye nezinto ezingcolisekileyo.

2. Ngenxa yoku kungasentla, iSebe leMfundo esiSiseko (*iDBE*) likhuphe iSetyhula ye-*Human Resource (HR)* engu-No. 1 ka-2022, yomhla we-27 Agasti 2022, ngenjongo yokubonelela oku kulandelayo:

2.1 Ulwazi ngokubanzi ngengqakaqha;
2.2 Iingcebiso okanye amalungiselelo okuvunywa kwekhefu kubasebenzi abanengqakaqha; kunye

2.3 neengcebiso kwizikolo malunga nokujongana nabantu ekurhanelwa ukuba bosuleleke yingqakaqha okanye abantu abaqinisekisiweyo ukuba banayo.

3. Le setyhula iya kusebenza kubo bonke abaqeshwa abaqeshwe ngokoMthetho wezeNgqesho yooTitshala, ka-1998 (uMthetho 76 ka-1998).

4. ISetyhula yeSebe i-*DBE HR* No.1 ka-2022 iqhotyoshelwe apha ukwenzela ukuba isasazwe yaye isetyenziswe ngokunjalo.

5. Bayakhuthazwa abaphathi, ngokuhambelana nemigaqo ye-*COVID-19*, ukuba bazise okukule setyhula ukuze bonke abasebenzi abaphantsi kolawulo lwabo bakuthathele ingqalelo, bakuqaphele yaye baziqhelanise nokuqulethwe yiyo.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2022-09-19